higher education & training

Department:
Higher Education and Training
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL CERTIFICATE (VOCATIONAL)

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

(Iphepha lokuqala)

NQF LEVEL 2

(4101222)

2 November 2020 (X-Paper)
09:00–12:00

Olu viwo lunamaphepha 10.

025Q1N2202

IXESHA: 3 IIYURE
AMANQAKU: 140

IMIYALELO NEMIQATHANGO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMAHLANU.

   ICANDELO A: Uvavanyo Lokuqonda

   ICANDELO B: Ushwankathelo

   ICANDELO C: Okubonwayo

   ICANDELO D: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi

   ICANDELO E: Ulwimi olusetyenziswa kunxibelelwano

2. Phendula yonke imibuzo.

3. Funda yonke imibuzo ngocoselelo.

4. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kweli phepha.

5. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Zininzi iindidi zokutya ekufanele ukuba umntu azifumane ngosuku ukuze ahlale ekhuselekile kwizifo ezininzi kwaye esemandleni. Udidi lokuqala yimifuno exabiseke kakhulu ebantwini; umbona, ingqolowa, irayisi, iitapile njalo njalo. Oku kutya kungundoqo kwisizwe siphela kwaye kunemisonto enceda ukuba amathumbu asebenze kakuhle. Xa kuphekwe kakuhle kunencasa yaye kuyathandeka. Kunestatshi esinceda ukuba umntu abenamandla kwaye kufuneka kutyiwe isabelo esivakalayo sako. Ingxaki ingakho xa umntu esitya kona kuphela iintsuku zonke engakuxubi nanto.

Udidi lwesibini yimifuno neziqhamo ezikukutya okunezakha-mzimba okugcina umntu ekwimpilo entle okanye ephilile. Nalo olu didi lunayo imisonto encedisa ekucoceni amathumbu ukuze asebenze kakuhle. Umntu makatye isabelo esivakalayo ngemini.
Abantu bakhuthazwa ukuba imifuno mayingavuthwa kakhulu kwaye eminye iyatyiwa ngamaxesha athile ingaphekwanga. Uninzi ke aluthengi yonke imifuno kuba luyalima. Ukulima akufuni mntu unamasimi amakhulu kuphela, ungalima nakumhlatyana omncinane.

Olunye udidi yinyama ebomvu, inyama yenkuku, intlanzi, amaqanda njalo njalo. Zinceda umzimba ekwakheni, ekungcineni izihlunu zomzimba. Isilumkiso sesokuba akulunganga ukutya amanqatha odwa, ayagulisa. Makutyiwe umlinganiselo ophakathi abantu bangabaxi. Ubisi nesonka samasi zomeleza amathambo kunye namazinyo. Kuyafuneka umntu azifumane ngemini.

Udidi lokugqibela yiswekile, amafutha,ityuwa ne-oyile. Lunika amandla okwenza izinto ezinje ngokudlala, ukuthetha, ukucinga nezinye. Ukuze ukutya kuhlale ixesha elide kungaboli kugcinwa ngeendlela ezininzi. Ezi ndlela zezi zilandelayo: kufakwa kwizikhenkcezi, kugcinwa emacwathini, yaye kwifakwa nakwiinkonxa.

[Sicatshulwe kwiphephandaba *'Isolezwe'* saza sahlelwa.]

1.1 Ngokwa lapha kwisicatshula loluphi udidi oluxabiseke kakhulu eluntwini? (1)

1.2 Nika iintlobo zibe mbini zolu didi ulucaze ngasentla. (2)

1.3 Cacisa okokuba ukutya okungundoqo kunceda njani eluntwini. (2)

1.4 Ingaba kunyanzelekile ukuba umntu azifumane zonke ezi ndidi zokutya ngemini? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.5 Bakhuthazwa ukuba bayipheke njani imifuno abantu? (1)

1.6 Ucinga ukuba kulungile ukutya imifuno ingaphekwanga? Cacisa (2)

1.7 Kokuphi ukutya okunika amandla ebantwini? Chaza nendlela ema kutyiwe ngayo oku kutya. (2)

1.8 Ingaba kokuphi ukutya okuncedisa ekucoceni amathumbu? (2)

1.10 Nika iindawo zibe mbini apho banokulima kuzo abantu? (2)

1.11 Xela iintlobo zokutya zibe mbini ezomeleza amathambo. (2)

1.12 Ngokwalapha kwisicatshulwa loluphi udidi lokutya iswekile, ne-oyile? (2)

1.13 Nika izinto zibe ntathu ezibalulekileyo ebantwini ezithi zenziwe lolu didi ulinike ngasentla. (3)

1.14 Ngokoluvo lwakho ucinga ukuba amaqanda anokugcinwa kwiplastiki? Cacisa uxhase impendulo yakho. (2)

1.15 Yeyiphi indlela ekungagcinwa ngayo inyama iintsuku ezimbini ukuya kwezintathu ngabantu abangenazo izikhenkcezi? (2)

1.16 Ucinga ukuba kutheni ukutya kufanele kugciniwe ukuze kungaboli? (2)

1.17 Sicatshulwe phi esi sicatshulwa? (1)
[30]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Funda esi sicatshulwa silandelayo wandule usishwankathele:

1. Chonga iingongoma eziphambili ezi-7 ubude bungadluli kuma-70 amagama.

2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo, ngamazwi akho ungawulahlanga umxholo.

3. Upelo. Iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

4. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.

'Yintombi tata,yintombi! Lakhenkceza ilizwi likaNofikile kunomyayi kaMkhonyovu, umyeni wakhe. Awuzange uphinde uvaleke okaMkhonyovu umlomo ebobotheka urheme ngokungathi umka nomsinga. 'Awu! Wangen'umafungwashe wamaMpinge, yangen'intyantyambo, kaNtomntwana, yangen'intombi katata, wangen'umongikazi!' Wawungafunga uthi zizicengcelezo azifunda encwadini ezi lo mfo wasemaMpingeni kangangendlela ezazityibilika ngayo ukuphuma emqaleni wakhe. Iintliziyo zaziphuphuma yimincili kwesi sibini ngokuphendulwa kwemithandazo yaso yokuba bababalwe ngomntwana oyintombazana.

Wayephethwe okweqanda uSibabalwe, limthe nca okotshungu kambe lona igama lokuba ungu 'mongikazi katata.' Uninzi lwabantu abadala lwalusele lumbiza ngaloo ndlela, de kwangenelela noontangandini. Abantu babenyithabatha njengendlaloo le nto yeli gama likaSibabalwe, bengazi ukuba linobunzulu besiziba kuMkhonyovu. Kaloku yena ngokumnika eli gama wayeneenjongo zokuba intombi yakhe ililandele.

'Yhee tata ,kwakutheni kakade uze undithiye eli gama?' wabuza uSibabalwe ngenye intsasa kuyise sele ewathe ntsho amehlo kuyise. 'Ibali lide ntomb'am,' latsho iMpinge sele liligugumasholo elimn'ukugushu-gushuza kweso situlo salo singuzenzele. Waliqala ekuqaleni ibali lakhe.

Ugawula amahlahla okubiya ubuhlanti nganjikalanga ithile nonyana wakhe wamazibulo, lo kuthiwa nguSabonkolo. Wayeyawakwahamba ngeenyawo ke uMpinge kuba kaloku yena nesihlangu babeyinyoka nesele. Babewagawula, bawarhuq, bawabekelele kakuhle ke, bewahlula-hlula ngokweflarha ezaziza kutsalwa ziinkabi ngosuku olulandelayo. Bathe xa begawula iflarha yokugqibela, wayigxumeka yamila loo nkcakuba yezembe uMkhonyovu, exabela ubhontsi weenzwane zonyawo lwakhe lwangasekunene.

Iintlungu ezazilapho zamenza wacela kule yabantwana, ingubo yamaxelegu sele yenze amachibi ngamachibi ukunkcenkceza oku.

Akuba ehlabe ikhwelo uSabonkolo, wabalekiswa esibhedlela uMkhonyovu ngabakowabo. Akazange akholwe yimpatho yabongikazi kweso sibhedlele, wafunga wamunc'iintupha ngelithi ukuba angafumana umntwana oyintombazana, uya kufundela ukuba ngumongikazi. Uthe eliqukumbela ibali lakhe wabe selengasakholwa uSibabalwe kukuba emkethela ngokwakhe ikhondo amele ukulilandela ebomini bakhe. Kaloku yena elakhe iphupha yayikukuba ligwetha.

[Sicatshulwe 'kwincwadi Uncuthu LwesiXhosa' saza sahlelwa.] **[10]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: OKUBONWAYO

UMBUZO 3

Qwalasela le mifanekiso ilandelayo uze uphendule imibuzo.



A



B

[Uthatyathwe kwiIntanethi wahlelwa.]

UMFANEKISO A

3.1 Yeyiphi le mveliso ithengiswa kumfanekiso A? (1)

3.2 Chonga isilogan sale mveliso ikumfanekiso A? (2)

3.3 Yintoni injongo yokuphinda-phindwa kwegama 'bona' kwesi sibhengezo? (2)

3.4 Chonga izinto zibentathu eziyinzuzo ngokusebenzisa le ti emntwini ngokwesi sibhengezo. (3)

3.5 Nika imisebenzi ibe mibini yesibhengezo ntengiso. (2)

3.6 Xela ukuba sisetyenziswe njani isikhombisi kwesisivakalisi silandelayo?

Ukubengezela okufumaneka ngokusela le ti inencasa. (2)

3.7 Loluphi ulwimi oluqhathayo kubathengi kwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

UMFANEKISO B

3.8 Chaza okuboniswa yinkangeleko yobuso bomntu A. (2)

3.9 Nika umyalezo odluliswa yintetho yomntu A. (1)

3.10 Xela umsebenzi wamachokoza amathathu (…) akwintetho yomntu A. (2)

3.11 Nika ulwazi olufumaneka kwibhodi esentla komntu A eseludongeni. (2)

3.12 Bhala isifinyezi segama 'Mnumzana' (1)

3.13 Ucinga ukuba kutheni umntu C ekrobe ngaphaya komntu B? (2)

3.14 Yeyiphi le nkqubo kuthethwa ngayo kule khathuni? (2)

3.15 Ucinga ukuba le nkqubo iluncedo njani eluntwini? (2)

3.16 Ingaba bayancedwa abantwana apha kulendawo? (2)

[30]

AMANQAKU ECANDELO C: 30

ICANDELO D: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 4

4.1 Chonga izihlomelo kwezi zivakalisi zingezantsi uze uchaze nodidi lwaso.

4.1.1 <u>Ivakala imnandi kakhulu iti ilipton.</u>

4.1.2 Iti ilipton siyiphunga emva kwemini.

(2 × 2) (4)

4.2 Bhala isininzi sala magama alandelayo:

4.2.1 Ukutya

4.2.2 Isiqhamo

(2 × 1) (2)

4.3 Guqula esi sivakalisi sibe kwixesha eliya kuza:

Abantwana badlala ugqaphu. (2)

4.4 Lungisa iziphene kwesi sivakalisi silandelayo. (3)

Ulindiwe Mdekazi yinzwakazi entle enobubele kwaye ekrelekrele

4.5 Bhala izixando zezenzi ezikwizivakalisi ezilandelayo kumagama abhalwe ngqindilili.

Iintolongo **zenziwa** umqolomba wezihange. (2)

Urhulumente **usebenzisana** nabo. (2)

4.6 Nika izichasi zala magama alendalayo.

4.6.1 Ubuhle

4.6.2 Igwala

(2 × 1) (2)

4.7 Athetha ukuthini la magama

4.7.1 Amawele.

4.7.2 Inkedama.

(2 × 2) (4)

4.8 Sebenzisa igama 'ibala' kwizivakalisi ezibini ezohlukileyo ukuphuhlisa intsingiselo yalo. (2)

4.9 Bhala izinciphiso zala magama alandelayo.

4.9.1 Umlambo

4.9.2 Umntu

(2 × 1) (2)

4.10 Bhala esi sivakalisi silandelayo sibe kwingxelo-ntetho.

Umama uthi, 'Ndidikiwe ngabantwana bam abangandivayo'. (2)

4.11 Nika ixesha lesivakalisi esingentla osinikiweyo. (2)

4.12 Nika isithetha-ntonye segama 'ukudikwa'. (1)

4.13 Dibanisa izivakalisi ezibini ezingezantsi ngesihlanganisi u'nangona'. (2)

4.13.1 Abantu bayalubaleka ugonyo.

4.13.2 Luluncedo kwabo baxhamlile kulo.

4.14 Sithetha ukuthini esi saci? (2)

'Izinto azimtakaNgqika.'

4.15 Bhala iqhalo okanye isaci ngegama 'inkukhu'. (2)

4.16 Nika intsingiselo yesi sivakalisi silandelayo. (2)

Indlovu ayisindwa ngumboko wayo. (2)
[40]

AMANQAKU ECANDELO D: 40

ICANDELO E: ULWIMI OLUSETYENZISWA KUNXIBELELWANO

UMBUZO 5

5.1 Yakha izivakalisi ngezi zifanekiso-zwi zilandelayo:

5.1.1 Yaka

5.1.2 Krwe

(2 × 2) (4)

5.2 Zibonakalisa eziphi iimpawu zovakalelo izikhuzo kwezi zivakalisi zilandelayo:

5.2.1 Mathse! Intombi katata ipasile.

5.2.2 Yhu! Bekutheni ukuze kutshe ngolu hlobo apha?

5.2.3 Yeha ke! Kutheni wabhitya olu hlobo uNomhle?

(3 × 2) (6)

5.3 Lungisa iimpazamo zolwimi kwezi zivakalisi zilandelayo

5.3.1 Ingwe izidla ngamabala.

5.3.2 Isala kutyelwa sibonwa ngomophu.

5.3.3 Wamchova ngamadla waya kuwa kabuhlungu.

5.3.4 Imela yagobela ehlanzeni.

5.3.5 Ikati ilele ezikweni.

(5 × 2) (10)
[20]

UMBUZO 6

Bhala intsingiselo yoorayi rayi kwezi zivakalisi zilandelayo

6.1 Ndinahashe lam alinakuphala lingemasila. (2)

6.2 Ndinabantu bam bajinga eliweni. (2)

6.3 Ndinamntu wam ndimthupha ngaphesheya komlambo abuye ngoku. (2)

6.4 Ndinamntu wam ufa ebhinqile. (2)

6.5 Ndinanto zam ziyaphikisana, ithi ndilapha ibe nenye ithi ndilapha'. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 140